Outreach programme by Premier of the Eastern Cape Government Honourable Ms N. Kivit -12-07-2013

Izidingo zabantu baseMgungundlovu nekuzizicelo zabo kurhumente

1) **Umbane (electricity)** – akukabikho mbane kulendawo siyacela nathi ukuba sifafekelwe umbane siyawudinga kakhulu.

2) **(a)Imigaqo (Roads and access roads)** - Sinengxaki yokuswela imigaqo engenayo kwindawo zethu nesidibanisayo, lemihaqo sicela yakhiwe iyofikelela naselwandle.

(B) Sicela ifakwe itha lemigaqo midala imide esuka edolophini- xa lisina izulu asikwazi ukuya edolophini xa ufunyenwe yimvula edolophini ulala endleleni ngenxa yoba imigaqo ingahambeki. Osuka kwabulala uye eMthentu, nosuka E Bizana udlule eMbongweni uye elwandle T121, osuka eBizana usiya eMakhwantini, osuka eBizana udlula eGumzana. Lomigaqo midala yaye yiyona mikhulu kulomhlaba oya elwandle.

(c) R 61 lendlela incinane; Sicela ilungiswe kwenziwe indawo zokuhamba abantu (pavements) , kwenziwe ama speed humps imoto zingagijimi kakhulu. Ngumgaqo oyingozi kakhulu lo kusweleka abantwana abaninzi minyaka yonke ikakhulu isikolo I plangeni Jss. Kulonyaka kuphela baqikelelwa emashumini amabini abantu esebebulewe zimoto kulomgaqo.

(d) Sicela ama street lights elurolweni (village around Wild Coast sun Casino) – yindawo lena edume kakhulu ngobugebenga nokubulawa kwabantu nguku. Ngexesha bekubulawa abantu becwiywa kwake kwalayitwa kodwa ngoku akusalayiti ubugebenga buphinde benyuka kakhulu, bayakhuthuzwa abantu.

3) Sicela ukwenzelwa ama bridge eenyawo (foot bridges) - sinemilambo ekunzima kakhulu ukuyiwela xa kuke kwanetha . Abantu bayafa kakhulu ngokuthathwa ngamanzi, nabantwana xa besiya esikolweni bawela lemilambo banemini zokungakwazi ukuya esikolweni ngenxa yamanzi. (lemilambo NguMzamba, Mphahlana noMnyameni). Kuleminyaka idlulileyo kusweleke umfundi webanga 12 eyobhala iimviwo ebaleni ezama ukuwela umnyameni.

4) **Amanzi (water):** ikakhulukazi ngaseCasino, siyacela ukuncedwa ngamanzi, sikha amanzi kwindawo ekusela inkomo, kumhlaba waselurholweni kunzima kwala

asemithonjeni. Ebusika abantu baphila ngamanzi athengwayo imilanjana isha iphele yonke. Lengxaki sele ineminyaka eminitsi kakhulu iqhubeka, kudala kukhalwa ngayo. Xa kusenzima ukuba sifakelwe amanzi sicela oku kwamatanki sibe sibambisa.

5) (a) High Schools – Sicela uba urhulumente ongeze amagumbi okufundela kwezizikolo: Mdatya SSS, Baleni SSS,and Vulindlela SSS. Ngokomthetho omsha uthi urhulumente I high schools maziqale ku grade 8 or Standard 6, lonto icacisa uba bazoba baninzi abantwana e high school yiyo lento kunyanzeleka zakhiwe ezizikolo ukuze babenendawo abantwana.

(b) FET College – sicela kubekhona I FET college apha eMgungundlovu yakhiwe eMdatya ukuze abantwana abagqiba u grade 12 bakwazi ukuncedakala kuyo.

(c) Sicela ukwakhelwa amachreche (pre-schools) apho abantwana abancinci bezofunda khona akhiwe kuzo zonke I villages zaseMgungundlovu.

6) Sinengxaki yokungakwazi ukusebenzisa kakuhle I fone ngenxa yokunqaba kwe network signal. Sicela uncedo. Kubaluleke kakhulu ukuba sikwazi ukuxhumana noba nini xa kunesidingo.

7) Sicela ukwakhelwa imitholampilo (clinics) akukho nenye kwindawo yaseMgungundlovu phakathi koMzamba ukuya eMthentu. Xa sinokwakhelwa noba zintathu okanye ezine kungabangcono. Sihamba ngaphezulu kweshumi le kilometres ukuze sifikelele kwi clinic ekufuphi, sihamba ngenyawo. Kubantu abadala nabagulayo kubanzima kakhulu ukufikelela kwezindawo

8) Ezokhenketho (tourism) – sicela ukuxhashwa sikwazi ukuziphuhlisela indawo yethu ngezokhenketho, sicela ukwenzelwa ama Lodge ukusukela eSigidi , eMnyameni naseMtentu.Sicela Noqeqesho kwezizinto. Iincukacha ziqulethwe kumqulu wocubungulo lwe Wild Coast projects.

9) Sicela uxhaso kwezolimo. Sincediswe nangogandaganda nembewu zokuzilimela.

10) Sicela ukwenzelwa indawo okanye amabala okudlala apho abantu abasha bezochitha khona ixesha lokhuzonywabisa kunciphe ubugebenga.

11) Sicela ukwakhelwa amaholo okubambela intlanganiso zomphakathi. Okwangoku siye sizibambele phantsi kwesihlahla okanye siyocela ezikolweni xa kubanda , abantwana bayaphazamiseka yileyonto.

12) Sicela ukwakhelwa nathi imixhaso. RDP houses.

13) Sicela kwenziwe I launching site eMzamba apho kunokungena khona izikebhe elwandle. Kuxhaswe I small scale fishing.

14) Sicela ukufakelwa I nets elwandle ukuze singadliwa ngoshaka xa sizonwabisa emanzini.

Nazi ke izinto ezizingxaki kuthi bahlali balapha.Nabacela ukuncediswa kuzo.

Umgodi ocetywayo eXholobeni (Proposed mining)

Abantu balapha eMgungundlovu bathathwa bayoboniswa eRichards Bay apho oluhlobo lwe mining sele luqhubeka khona, nazi izinto abazibonayo

1) Ukuqhekeka nokudilika kwezindlu zabahlali bengakhokhelwa.
2) Kwavela izifo ezingaqhelekanga, esinye sezifo ezibulala kakhulu sisifuba ngenxa yomoya ongcolileyo.
3) Ingca edla inkomo yaphela
4) Ugcoliseko lwamanzi nomoya
5) Iimithi yeziqhamo zabo ayisatheli kwanto,kusukela mhla kwavulwa umgodi wezimbiwa, ngenxa yothula olusuka pha kombiwa khona
6) Ukuqhuma/ukuqhuza okunganyamezelekiyo,impahla ayenekwa phandle. Izindlu zabo zihlala zingcolile luthuli.
7) Izithembiso ezazenziwe zange zibesenziwa mhla inkampani yemine yafumana imvume yokumba.
8) Umphakathi walapha uyafuna ivalwe lemigodi kodwa ayimanyelwa mntu xa ikhalaza.

9) Xa bekhala kurhulumente akwenziwanto, kodwa abahlali xa beyokhalazela ukuwa kwezindlu nezinye ingxaki emine. I mine ivele ibize amapolisa karhumente bavalelwe abantu abenza lonto.

Nazi ezinye zeengxaki esinazo esele zineminyaka ziqhuba zisenziwa ngaba baceba okanye bathanda le mine.

- Iintlanganiso zabo bazibamba ngobusuku abasalihloniphi ikomkhulu, abasezi kulo.
- Abantu bayanyotywa ukuze bathi bayayifuna le mine icetywayo.
- Kusoloko kuzanywa indlela yokubophisa abantu abaphikisana nemine.
- Lwehlukanise iintsapho ne-community phakathi iyaxabana ngalento yalemine, akusekho zinzo elalini. Kucacile ukuba kungekudala sizolwa sodwa apha.
- Kunombutho obizwa ngoba ngu XOLCO (Xolobeni empowermnent company) (BEE) othi umele abantu kodwa ayaziwa mntu, futhi zange usekwe wenyulelwe amalungu ngulomphakathi nekomkhulu.
- Kwincukacha ze nkampani efuna ukumba bathi abasusi mntu,lonto ithetha ukuba umntu uzozisukela ngendleko zakhe xa sele kuqhuza uthuli.
- Kumba wamagcwaba bathi kulendawo amagcwaba akhona mathathu kuphela,ukanti thina bahlali siyazi ukuba angamakhulukhulu. Kanti kukho nasele engaphezu kuka 60 weminyaka egcwatyewe apha, lawo afanele avikelwe ngokomthetho (Heritage Act). Asifuni kumbiwe amangcwaba ootatomkhulu nomakhulu bethu.
- Xa kumbiwa apha sobaneengxaki ezifanayo nase Richardsbay,siyalima ,sifumana amanzi emilanjeni, sifuyile. Sobanengxaki yokwenza ezizinto nathi mhla savuma nomhlaba wethu.
- Bathi bazomba baphinde babuyele uhlaza, kodwa izifundo zoso science zikhomba ukuba ayinokwenzeka lonto.
- Xa unokubhekisisa isicelo akhonto iyoze ixhanyulwe ngabantu balendawo kuzombiwa kuwo. Kuthengiselwa inkampani yaphesheya ilicense nge R2000.00 ukuba isihlalise kakubi, kwenziwe into esingayifuniyo kumhlaba wethus zesihlala siqhuzelwa Luthuli naphakade thina. Kutheni urhulumente ethengisa ngathi nje?
- Akululo uphuhliso olusilungeleyo olu asilufuni. Asizange silucele thina siyanyanzelwa ngalo. Norhulumente akasincedisi xa sikhalaza. Apha yomke leminyaka sivotela iANC kodwa xa sikhalaza sifana nje nabantu abangenambutho.

- Uminister Buyelwa Sonjica samxelela iingxaki zethu wathi uvile wemka ethi uyabuya, kuze kube namhlanje zange aphinde abuye.

- Umasipala lo wethu waseMbizana akafuni nokusondela amamele iingxaki zethu, uza xa ekhapha ooMinister abeze apha kuphela, njengoba ekhona nanamhlanje. Uthule cwaka sibesihlukunyezwa kumhlaba wethu. Sihleli kabuhlungu, kodwa sibavotela bona ngobuninzi apha.

- Kufuneka side sithethe njani ukuze simanyelwe ngurhulumente xa sisthi asyiyifuni lento kuziwa nayo kukuthi.

- Ubukhosi nobukumkani bethju nabo akuyonke leminyaka kuhambisana nathi kusithi mayiyekwe lento kodwa asimanyelwa. Sade simane ne Human Rights Council nayo yafumanisa ukuba ayifunwa lento yenza ii-findings ezivumelanga nathi kodwa hayi bayaqhubeka nokusifaka umnwe elihlweni. Kutheni ngoku nifuna side silwe???

- Atheni lento amalungelo abantu ajika abengamalungelo karhulumente? i.e. human rights belong to the people not government, masimanyelwe xa sisithi into asiyifuni.

N2 Toll road: ngezizathu zilandelayo sithi ayifanelanga ukuba sixoxa nokuxoxa ngayo apha kuythi:

- Iindlela zethu azihambeki ezisuka edolophini siziza apha. Makhe kuthwe ngezizethu sandule ke ukuthetha ngendlela edlulayo. Ukuba ngaba besikwamanye amaphondo ezindlela zethu ezizi T-roads ngekudala zafakwa itha kodwa kuba sikweliphondo asihoywanga asikwazi kuya dolophini xa kunetha. Kunjalo ngoku kuthiwa makusuke imizi sisukele indlela edlulayo. Lendlela noba ingakhona kucacile sohlala kobu bugxwayiba sikubo. The road from Bizana, passing through Gumzana to Bhekela and Xolobeni. Makhwantini road, Baleni road. Road from Kwa Bualal to Mtentu.Ur61 lo ubulala abntu umhla nezolo mawulungiswe ubene pavements. Kutheni lento kufuneka sinike uSANRAL umhlaba wethu azalisekise iimfuno zakhe sishiywe thina sikulemeko sisyiso??? Kutheni thina kungathethwa ngathi neendlela zethu esizisebenzisayo umhlanezolo. Kanti le “batho pele isebenza xa kutheni”. Asivumi kwakhiwe toll Road iindlela zethu zisenje, imali xa kanti ikhona mazakhiwe iindlela zethu, sophinde siyibone le ka Toll road.

a) Abahlali base Lurholweni basuswa kumhlaba wabo kwakhiwa laCasino, baze bafaka ibango nabo xa kuvulwa ukubangwa kwemihlaba, kodwa kude namhlanje umhlaba wabo awukabuyiswa ngurhulumente, abaxelelwa noa kubambe ntoni. Nithi ke ngoku mabaphinde basuke kwakhiwe lo toll Road? Isebubulungisa na obo rhulumente??? Ababantu basese dabini nina nizobafaka kwelinye basalwela umhlaba wabo ongabuyiswayo nguRhulumente, ngeke umhlaba wabo uthathwe kabini kungekabuyiswa nalowa wokuqala. Sobe wakhiwe kowabo uToll Road ungekabuyiswa umhlaba,

- Siyayazi ukuba umbono wokwakhiwa kwendlela zange uvele kurhulumente wethu kwazikhampani ezinkulu ooGroup Five, LTA, Murray and Robberts etc, abaya ku SANRAL benza isicelo sokwakha indlela ebhatalelwayo (toll Road). Bathi xa beyakhile bazothatalisa iminyaka engamashumi amathathu 930 years). Lento kuthiwa ngesilungu “unsolicited bid” zebathi urhulumente yena makakhuphe eyokwenziwa kwamnaBlorho bridges). Kutheni lento uRhulumente wethu edayisa ngathi koongxiwankulu ukuba bazityebise ngathi? Thina sithi makwakhiwe iindlela zethu qha!! Musani ukudayisa ngathi ukuba kuzoqoqwa imali kuthi. Noba kungathiwa ayizuba yi toll road asivumi batho njano egauteng namhlanje balwa ne e-tolling.

- I-KZN yiyona etyebileyo kwezomnotho kodwa yalile kwenziwe itoll gate eSiphingo. Kuvuke onke amaqela ezepolitiki epalamente alwa ukuba ingenziwa, kodwa kuthi ezethu iinkokheli zithi masakhelwe umgwaqo obhatalwayo. Nifuna lampi ise Rhawutin ize apha kuthi ngoku siulwe ne e-tolling. Kudayiswa ngathi xa jusenziwa lonto. Nithi xa nithetha no SANRAL lendawo yethu yiyona yakha yahlupheka (poverty) kodwa niphinde nizokwakha indlela ebhatalwayo. Akuthethwa nto ngezizethju zingahambekiyo. Nithi masiyithathe phi imali yokubhatalela indlela sihlwempu nje??? Kudayiswa ngati ukutyebisa oongxiwa nkulu. Sobe sivume. Makhe kwakhiwe ezizethu zingakhokhelwayo Premier.

- Icacile ukuba lendlela ayizanga kuthi, itheni ngoku igudla ulwandle apho abantu bambalwa, ishiye ngapha phezulu kunabantu abanintsi?? Asifuni lomgwaqo uzogudla ulwandle kuba basizisela imine mawuhambe le phezulu ungagudli ulwandle. Kucacile awuzanga bantwini, ngumgwaqo odlulayo ongenandaba nabantu qha nje uzothatha umhlaba wethu ngemine. mawuhambe phezulu.

- Development: kuthiwa lomgwaqo uzisa uphunhliso, loluphi oluphihliso? lwaziwa ngubani? Ukuba uza nophuhliso masiqale luqale siluxoxe ukuze sazi ukuba luhlobo eselufunayo na? Elo lilungelo lethu. Uba lukhona nyani ngaluthethwa nathi kuqala. xa bengaluthethi nathi kucacilo asilo lwethu lolwabo.

- Lomgwaqo uzususa imizi (relocation of homesteads): kwa ikomkhulu eli aliyazi imizi ezosuswa ukuba mingakhi, yeyakwabanu, asisathethei ke ngokunxeshezelwa lonto ayikathethwa nabahlali kodwa kuthiwa makwakhiwe uToll Road ngoku. uRhulumente akazidubi ngokubuza kuthi or ukuxoxisana nathi ngokunxeshezelwa kwabantu ngemizi, ngamangcwaba, ngamahlathi, ngamasimi azodliwa ngumgwaqo. kucacile amalungelo abantu akukathethwa nto ngawo. kodwa kuthiwa siyaphazamisa xa siuthetha lonto.

- Intlanganiso zika Sanral zokuthetha ngomgaqo zazibanjelwa ezikolweni, ngaphandle kokwazisa inkokheli zomthonyama. Wathi u Sanral kwezo

ntlanganiso asikakathathwa isinqumo sokuba indlela entsha ecetywayo izohamba phi,yiyo lonto beqikelela kwindawo ezintathu kothi xa sele kugqityiwe ukuba eyona ndlela yeyiphi bazobuya bazosho ebantwini,kodwa enanamhlanje abakabuyi asazi ukuba uhamba phi lomgwaqo,ususa bani,uhamba emasimini kabana, zonke ezo zindleko zikabani.

Ibangomhlaba lase Wild Coast Sun.

- Sinengxaki yomhlaba waseLurholweni ongabuyiselwa kubanini bawo. Amanye amabango ayaxazulwa kodwa eleWild Coast Sun akude kucace nabantu ebabesusiwe abayafa bayaphela bengekabuyiselwa umhlaba futhi bengazange banxeshezelwe. Kudala kwakuzanywa noba urhulumente makangenelele kodwa asincedakali tu. Sicela uncedo.

Camp park eMtamvuna engasebenziyo

- Yindawo lena ekwakufanele uba inika abantu imisebenzi kodwa asazi yathini ukuze ingasebenzi.

Abazithobiley:

Le submission yenziwa egameni lezi stakeholders zilandelayo:

Ikomkhulu laseMgungundlovu (Xolobeni)

ACCODA TRUST

Amadiba Crisis Committee

Abasuswa base Lurholweni (casino)

Xolani Ntuli –uNobhala womgungundlovu tribal authority Cell:(073 075 4459),Fax(086 610 5714).